Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

Usikhukukazi Uqhatha Ukhozi

Written by: Nathan Higenyi
Illustrated by: Rob Owen
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 International License.

https://creativecommons.org/licenses/by/4.0

Usikhukukazi Uqhatha Ukhozi



Nathan Higenyi
Rob Owen
Xolisa Guzula
Xhosa
Level 3

(imageless edition)



Kudala-dala, uSikhukukazi noKhozi babengabahlobo. Ngenye imini, uKhozi wafika uSikhukhukazi ephumle phantsi komthi neebhegi zakhe ezinegrosari. USikhukhukazi wayeme ngomlenze omnye.



UKhozi wabuza kuSikhukukazi, “Uphi omnye umlenze wakho?”

USikhukhukazi waphendula uKhozi wathi, “Unovenkile unqumle umlenze wam waze wandinika ezi bhegi endaweni yawo.”

Wabanomsindo uKhozi waze waleqa uSikhukukazi. Kodwa akazange amfumane. Yiyo loo nto, uKhozi esoloko ekhangela amantshontsho kaSikhukukazi. Xa ethe walibona intshontsho, uyalibamba alityе.



Wathi akufika ekhaya uKhozi, wabona uSikhukukazi ehamba ngayo yomibini imilenze yakhe.



UKhozi wabuza kuSikhukukazi ukuba angakwazi na naye ukwenza loo nto. Naye wayeyifuna ibhegi egcwele igrosari. USikhukukazi wavuma.



UKhozi waya kunovenkile wamcela ukuba anqumle omnye umlenze wakhe aze amnike ibhegi enegrosari ngaphakathi. Unovenkile wavuma.



UKhozi wangcileza ngomlenze omnye wade wayokufika ekhaya. Wayonwatyiswe kakhulu zizinto awayezinikwe ngunovenkile.